EMzantsi Afrika, uSuku lwaBasebenzi lusuku lweholide olungomhla woku1 kuCanzibe.

Eli bali lingembali yale holide kawonkewonke, nesizathu sokubaluleka kwalo.



“Ngomso yiholide, andizokuya esikolweni!” watsho uMulweli kutata wakhe.

“Nam andisebenzi ngomso!” watsho utata wakhe.

“Tata, kakade wenza ntoni ngosuku lwaBasebenzi?”



“Kulungile Mulweli, khawume ndikuxelele ngolu Suku lwaBasebenzi lweHlabathi,” watsho utata wakhe.


“Yonke le nto yaqala mhla abasebenzi babesilwela ukuba mabasebenze kangangeeyure ezisibhozo ngosuku. Babengafuni kusebenza ngaphezu kwezo yure zisibhozo ngemini.”



“Babesebenza iiyure ezingaphi kanti?” wabuza uMulweli.

Amaxesha amaninzi babesebenza iiyure ezilishumi okanye ishumi elinanye ngemini!” waphendula utata wakhe.

“Ngomhla woku1 kuCanzibe ka1886, abasebenzi eMelika baqhankqalazela ukuba iiyure zokusebenza zehliswe zibe sibhozo ngemini.”



“Kolo qhankqalazo omnye kubo waphosa isiqhushumbisi emapoliseni.”

“Kwaza kwenzeka ntoni?” wabuza uMulweli.

“Abasebenzi abane babanjwa baza bagwetyelwa ukuphosa isiqhushumbisi. Bafunyanwa benetyala, bada babulawa,” watsho utata wakhe ebutyhafa.



“Kumhlaba wonke jikelele, abasebenzi baqhankqalazela ukubulawa kwabo basebenzi bane. Abasebenzi babambana bathetha ngezwi elinye.

Ukususela loo mini, umhla woku1 kuCanzibe wathathwa njengosuku lwabasebenzi lokuzabalazela iimeko ezingcono zokusebenza,” watsho utata wakhe.



“Abanye abantu bathi yi*May Day*.

Usuku lokuqala kuCanzibe lumele amalungelo abantu abasebenzayo, nobumbano lwabasebenzi bebonke. Yiholide kazwelonke kumazwe amaninzi,” wachaza utata wakhe.



“NgoSuku lwabaSebenzi eMzantsi Afrika, sihlangana nezigidi zabasebenzi kumhlaba wonke jikelele sibhiyozele olu suku. Kuququzelelwa ukuhlangana kwabantu nemingcelele.

“Yayisoloko iyiholide ngale mini eMzantsi Afrika ukususela ngonyaka we1886?” wabuza uMulweli.



“Soze!” wahleka utata wakhe. “Urhulumente wocalucalulo wayengathandi ukuba ibhiyozelwe le mini yokuqala kuCanzibe.

Nangona kwakunjalo imibutho yabasebenzi yamxelela ngolu hlobo urhulumente: “Usuku lokuqala kuCanzibe lolwethu. Umhla woku1 kuCanzibe ngowethu.”



“Ukuqhankqalaza kwabasebenzi kwanceda ekupheliseni ucalucalulo. Ngemibutho yethu yabasebenzi, sadlala indima enkulu ukulwela amalungelo ethu,” utshilo utata wakhe.

Utata ubuze wathi, “Ungaqashisela ukuba umhla woku1 kuCanzibe waqala nini ukuba yimini yeholide esemthethweni?”



“Kufanele ukuba kwaba semva kocalucalulo? Xa uMzantsi Afrika waba lilizwe ledemokhrasi,” waphendula uMulweli.

Wanqwala utata wakhe, “Uchanile. Nakubeni sayifumana idemokhrasi, abanye abasebenzi kusafuneka balwele impatho entle kwimisebenzi yabo nemivuzo efanelekileyo.”



“Siphelela apha ke isifundo sam sembali okwangoku. Kufuneka ndilungiselele ingomso.

Umbutho wam ojongene nabasebenzi uququzelele indibano enkulu ezakuba nezithethi zepolitiki,” utshilo utata wakhe.

“Kwaye nawe kufuneka ugqibe umsebenzi wakho wasekhaya kwanamhlanje.”



“Kulungile tata, ngoku ndiyaqonda ukuba kutheni usuku lokuqala kuCanzibe lubaluleke kangaka kuwe nakwabanye abasebenzi.

Okwangoku, umsebenzi wam ngulo wesikolo!” watsho uMulweli encumile.

## ——Imibuzo

1. Kungani uSuku lwaBasebenzi lubhiyozelwa namhlanje?
2. Balubhiyozela njani olu suku abasebenzi?
3. Khuthaza abafundi ukuba babuze abasebenzi kwiindawo abahlala kuzo ngemisebenzi yabo.
4. Fumanisa ngokwenziwa ziimanyano zabasebenzi.
5. Chaza ukuba kuthetha ukuthini ukuthi ‘ngeemeko zokusebenza ezinyamezelekayo’.
6. Ucinga ukuba kuyintoni ‘ukusetyenziswa ngenkani’?
7. Yeyiphi imisebenzi oyenzayo ekhaya?
8. Ngowuphi umsebenzi ocinga ukuba abantu bangalibala ukuwubhiyozela?

Eli bali libhalwe ngesiVenda, njengenxalenye yeprojekthi yezixhobo zokufunda yeZenex, Ulwazi Lwethu ka2020.

